



Province of the
EASTERN CAPE
EDUCATION

ISIGABA ESIPHEZULU

IBANGA LESI-9

EYENKANGA 2016

ISIXHOSA ULWIMI LWASEKHAYA P2

AMANQAKU: $(60 \div 2) = 30$

IXESHA: 2 iiyure



Olu viwo lunamaphepha ali-10.

IMIYALELO NENGCACISO

1. Eli phepha linamacandelo amaTHATHU:
ICANDELO A: Uvavanyo lokuqonda
ICANDELO B: Izakhi nemigaqo yokusetyenziswa kolwimi
ICANDELO C: Impendulo kuncwadi
2. Fundisisa YONKE imibuzo kakuhle nangocoselelo.
3. Cinga, uqiye phambi kokuba ubhale.
4. Phendula YONKE imibuzo ngesiXhosa.
5. Sebenzisa amagama amkelekileyo olwimi xa uphendula.
6. Bhala ngokucacileyo, nangokucocekileyo.
7. Nombola iimpindulo zakho kanye ngokwendlela ekunonjolwe ngayo imibuzo ephepheni lemibuzo.
8. Qiniseka ukuba uwaphendule omaTHATHU amacandelo.
9. Bhala ngokucacileyo nangokucocekileyo.

ICANDELO A: UVAVANYO LOKUQONDA**UMBUZO 1: ISICATSHULWA**

Funda isicatshulwa esingezantsi, uze uphendule imibuzo elandelayo:

**UMYALEZO OVELA KUMONGAMELI
MASIBHINQE OMFUTSHANE SILWE UKUHLASELWA KWABEMI BANGAPHANDLE.**



- 1 Bantu baseMzantsi Afrika, kutsha nje sibone iziganeko ezihambisa umzimba nezingamkelekanga zodushe obelujoliswe kubemi bamazwe angaphandle kwiindawo ezithile kwaZulu-Natala, ekungoku sezinwenwele kwezinye indawo eGauteng. Iziganeko ezikumila kunje zakhe zenzeka eSoweto ngeyoMqungu. Akukho zikhalazo nakunganeliseki kunokusetyenziswa njengesizathu sokuhlasela abemi bangaphandle nokutyhuthulwa kweevenkile zabo. Silugxeka kakhulu olu dushe. Ezi ziganeko zohlaselo zinxamnye nayo yonke into uMzantsi Afrika oyimeleyo, ingakumbi ukuxabisa ubomi bomntu, amalungelo oluntu, isidima somntu kunye nobuntu.
- 2 Sililizwe sizikhaba ngawo omane izenzo zokunganyamezelani ezifana nokucalula ngokobuhlanga, ukubukula abo bamazwe angaphandle, ukucekisa abo bathandana nabantu besini esinye kunye nokucalulo ngokobuni. Sivakalisa amazwi ethu ovelwano kuzo zonke iintsapho ezinamalungu aye aphulukana nobomi kwaye siqwenelela nabo bathe bonzakala ukuba bachache ngokukhawuleza. Siya lubongoza uluntu ukuba luthobe umoya, luphelise udushe. Akufuneki sivume ukusetyenziswa zizaphuli-mthetho egameni lokuba nazo zihamba nathi kwiingxaki esinazo zibe zona zifuna ukuhlwayela uqhushululu nokudunga uxolo.

INGXOXO-MPIKISWANO

- 3 Naziphi na iingxaki okanye imiba ekhathaza abemi boMzantsi Afrika kufuneka zisonjululwe ngoxolo nangokuthethana. Amapolisa anikwe umyalelo wokuba kufuneka asebenze imini nobusuku akhusele abemi bangaphandle kunye nabemi beli kwaye abambe abo batyhuthula iivenkile kunye nabo baphambili kwizenzo zodushe.

- 4 Siyalubongoza uluntu ukuba luncedise amapolisa ngokuwanika ulwazi ngeziganeko zodushe ezenzeka eGauteng naKwaZulu-Natal ukuze abo baphula umthetho babanjwe baphoswe ngaphaya kwezitshixo. Siyazibulela iinkokeli zezenkolo, imibutho engekho phantsi kukaRhulumente kunye namanye amahlakani ethu ngokuzisa uncedo lwentlalontle kwabo bantu bachaphazelekileyo.
- 5 Siyazigxibha sizigxeka iziganeko zohlaselo. Siyayazi kwaye siyayiqonda eminye imiba ebekwayo ngabemi boMzantsi Afrika abachaphazelekayo. Siyaphinda kwakhona sithi uninzi lwabemi boMzantsi Afrika ayingobantu bacalula abantu ngokobuzwe. Ukuba bekunjalo, ngesingenabo aba bantu baninzi sinabo basuka kumazwe angaphandle sihlala nabo kwiindawo esihlala kuzo kulo lonke eli lizwe, kwiidolophu, izixeko nakwimimandla esemaphandleni. Ikhona imiba enxulumene nezozoqosho nezentlalo evezwa ngabantu kwaye ithathelwa ingqalelo. Le miba iquka izikhalazo ezingabafuduki abangekho zincwadini nabakweli lizwe ngokungekho mthethweni. Ukwanda kweevenkile okanye amashishini amancinci athathwe ngabemi bamazwe angaphandle kunye noluvo lokuba bayabandakanyeka kulwaphulo-mthetho. Masime ngodushe. Masibe neqhayiya siphakamise umbhalo osifaneleyo omkhulu njengehlabathi othi:

PHILA NABANY'ABANTU, BAPHILE MA-AFRIKA MASIMANYANENI.

[Sicatshulwe kwiphepha *iVuk'uzenzele*, Canzibe 2015]

- 1.1 Ngumyalezo ovela kubani lo? (1)
- 1.2 Chaza indawo enye kwezikhanyiweyo kwesi sicutshulwa ngokubalasele ngodushe? (1)
- 1.3 Ucinga ukuba yintoni unobangela wolu dushe iyintoni imiphumela yalo? (2)
- 1.4 Kukuthini ukuthoba umoya ngokwesicutshulwa? (1)
- 1.5 Ithini injongo kaMongameli ngokwenza le ntetho? (2)
- 1.6 Ityhila ntoni le ntetho ngoRhulumente woMzantsi Afrika? (1)
- 1.7 Ngokoluvo lwakho ingaba izenzo zokulwa abemi bamazwe angaphandle zifanelekile na? Xhasa impendulo yakho. (2)
- 1.8 Myalelo mni onikwe amapolisa nguRhulumente weli? (1)
- 1.9 Ubunokwenza ntoni ukuba ibinguwe umongameli welizwe elikule meko? (2)
- 1.10 Vakalelo luni onalo ngomyalezo wombhalo ongezantsi kwesi sicutshulwa obhalwe ngoonobumba abakhulu nangqindilili. (2)

- 1.11 Shwankathela esi sicutshulwa silandelayo uze uqaphele oku:
- Izivakalisi eziphambili kumhlathi ngamnye.
 - Shwankathela usebenzisa awakho amazwi ungawutshintshi umxholo.
 - Impendulo yakho mayingadluli kumagama angama-70-80.
 - Bhala phantsi inani elinyanisekileyo lwamagama owasebenzisileyo wakugqiba.

PHUHLISA UBOMI BAKHO

Apha ebomini umntu uhamba adibane nokuba azenzele izigqibo ngobomi bakhe, ingakumbi xa esiya kufunda kwiYunivesithi apho aqala khona kakhulu ukufunda ukuzimela.

Ulutsha lumele ukuba lwenze uphando olupheleleleyo ngekamva labo ukuze bazazi ukuba bafuna ukuba zintoni apha ebomini. Oku kungenziwa ngokusebenzisa i-intanethi ukuphanda kangcono, ukucela umfundisi – ntsapho uncedo okanye umzali.

Umfundi angakwazi ukuba aqale kumabanga aphakamileyo ukukhetha izifundo eziza kuhambelana nenkqubela phambili yobomi bakhe, kungako umfundi kumele acele uncedo okanye inkxaso ukuze angazifumani efundela into angayinqweneliyo ebomini.

Umfundi angakwazi ukubonelelwa ngebhasari yinkampani ethile ethi inikise ngemali ukuze incedisane nezifundo zakhe. Oku angakuxhamla xa ephumelele emagqabini kwizifundo zakhe. Lo nto ithetha ukuba umfundi kumele azimisele kwizifundo zakhe ukuze akwazi ukuxhamla esi sisulu.

Umfundi okwibanga leshumi elinesibini uyacetyiswa ukuba athathe amanyathelo ukuba abhalise kuselithuba ukuze akwazi ukwamkelwa kwiziko anqwenela ukufunda kulo. Oku kuyamnyanzela umfundi ukuba athathe izigqibo ngekamva lakhe.

Kubalulekile ukuba umfundi akwazi ukubhala ileta yesicelo kunye neCV ukuze akwazi ukukhangela okanye ukufuna umsebenzi. Ungacela umfundisi-tsapho, umzali okanye wenze uphando kwi-intanethi ukuze ufumane ingcaciso epheleleyo.

Ulutsha lunakho ukuzikhethela ukuba lufuna ukuphila ubomi obunjani na ngokuthi lubenolwazi ngezinto ezidibene nokwabelana ngesondo, indlela yokuziphatha ukuze umntu angakhulelwa phambi kwexesha okanye afumane izifo. Ulutsha luhambe lufumane ludibana nengxaki yokuzibandakanya nabahlobo abangengabo abathi babafundise utywala neziyobisi. Ulutsha lungazikhusela koku ngokukhetha abahlobo abalungileyo ukuze bakwazi ukujongana nezifundo zabo.

Kubalulekile ukuba ulutsha lunxibe ngendlela eyiyo. Oku akudingi ukuba umntu abenempahla kanokutsho okanye enxabiso eliphezulu kubalulekile ukuba azive ekhululekile kwisinxibo sakhe kwaye singaniki mtsalane unokudala impoxo kuluntu.

(5)

ICANDELO B: IZAKHI NEMIGAQO YOKUSETYENZISWA KOLWIMI

UMBUZO 2



112 BONA XHOSA — September 1996



IOMO Mailbag

IOMO Mailbag ikucebisa ngeengxaki zevasi — iidilesi nenombolo yefowuni yethu kwipakethi nganye yesepha iOMO. Unokuphulaphula kwiinkqubo zethu kunomathotholo — jonga amaxesha azo ekupheleni kweli nqaku.

Molweni, Namkelekile kwakhona kwiOMO Mailbag. Incwadi yethu kule nyanga siyifumene ivela kuNkszn Happiness Thusini waseChiawelo, naku athanda ukukuqonda: Ngaba ikho indlela yokukhupha idayi ephumele nakwezinye iimpahla.

Ngelishwa oku akwenzeki, xa enye impahla iphunyelwe yidayi akulula ukuwukhupha loo mbala. Kungenxa yoko le nto kubalulekile ukuba iimpahla zakho uzahlukanise, hlolisisa impahla engekahlanjwa ukubona enoba

umbala wayo awukhawulezi umbatshe.

Ukuze ufumane iziphumo ezihle zevasi nali icebiso: Yahlukanise ivasi zibe zodwa ezimbala umhlophe nobumbatshe, zibe zodwa ezombala omnyama noqaqambileyo. Iimpahla ezingcolileyo nezinemibala engakhawulezi iphume kufuneka zihlanjwe zodwa.

Sebenzisa isixa esisizo sesicocisisi— funda imithetho ekwibhokisi yeOMO, usebenzise isixa esifanela ubungakanani bevasi. Intwana yesepha ayicocisisi ukanti eninzi iyinkcitho.

Ukuziyeka emanzini iimpahla ezingcolileyo kunceda

ekugutyuleni ukungcola, ukuzixikixa nokuzikuhla kuba lula.

Izisihla zokungcola njengentsila entanyeni nasezihlahleni zifuna intlama yeOMO ukuba idyojwe kuzo phambi kokuba uzihlambe.

ICEBISO LOKUSHENXISA IZISIHLA

Izisihla Zelodine — Tshiza eso sisihla zisuka nje ngamanzi abandayo, dyobha intlama yeOMO Micro. Yiyeke malunga neeyure ezimbini, yihlambe ngendlela eqhelekileyo.

Phulaphula i:

Radio Zulu — ngoMvulo — ngo-2:30pm
Radio Xhosa — ngolwesiBini — ngeye-10:00am
Radio Ndebele — ngolwesiBini —



- 2.1 Nika isinye seli gama – **Amaxesha** liyafumaneka kwisihlokwana sentengiso. (1)
- 2.2 Hlahlela isinye segama olinike ngasentla ukhuphe izakhi ezithandathu. (6)
- 2.3 Nika izigaba zentetho zala magama abhalwe ngqindilili:
- 2.3.1 **waseChiawelo** – liya fumaneka kumhlathi woku–1 (1)
- 2.3.2 **hlolisisa** – liyafumaneka kumhlathi wesi–2 (1)
- 2.3.3 **umhlophe** – liya fumaneka kumhlathi wesi–2 (1)
- 2.3.4 **zodwa** – liya fumaneka kumhlathi wesi–3 (1)
- 2.4 Guqula esi sivakalisi silandelayo sibe kwintetho–ngqo.
- 2.4.1 Umthengisi uthi makayiyeke malunga neeyure ezimbini ayihlambe ngendlela eqhelekileyo. (4)

[15]**UMBUZO 3**

Tshatisa la macala mabini ngokuthi ubhale kuphela unobumba ecaleni kwenombolo nganye yombuzo: **Umzekelo 3.1 A.**

A	B	
3.1 Kweli	A Isifinyezo	(1)
3.2 Yahlukanise ivasi, zibe zodwa ezimbala mhlophe	B Isimini	(1)
3.3 yeOMO	C Isimelabizo sokukhomba	(1)
3.4 Nkszn	D Uhlobo lokuyalela	(1)

[4]**UMBUZO 4**

- 4.1 Nika enye iintsingiselo eyahlukileyo kule ikwintengiso yeligama lilandelayo uze uyiphuhlise kwisivakalisi.
- 4.1.1 Impahla (1)
- 4.2 Nika isithetha-ntonye zala magama
- 4.2.1 Ukushenxisa (1)
- 4.3 Yakha iqhalo ngesi sibizo singezantsi:
- 4.3.1 Ibala (1)

[3]

UMBUZO 5

Funda lo mhlathana uze ulungise iziphene ulandela imigaqo eyamkelekileyo yobhalo.

AMAZWI ENKUTHAZO

bafundi lixesha eli lokuba umfundi ngamnye afunde incwadi zakhe kuba unyaka uphelile.


Abanye benu bebewe phantsi apha kuviwo lukaJuni kodwa loo nto mayinganyhafisi.

Lixesha lokuba niqhinise ngakumbi kwizifundo zenu ukuphucula imeko yakho. Ngaloo mazwi ndininqwenelela impumelelo.

[3]**UMBUZO 6**

Funda le grafu ilandelayo wandule ukuphendula imibuzo ngezivakalisi ezipheleleyo.

Inqununu yenze ivoti ikhangela isifundo esithandwa kakhulu ngabafundi.



- 6.1 Bangaphi abafundi abavotele ezeNzulu-lwazi? (1)
- 6.2 Sesiphi esona sifundo sivotelwe ngabafundi abaninzi? (1)
- 6.3 Bangaphi abafundi bebonke? (1)
- 6.4 Ucinga ukuba kutheni Izibalo nezeNzululwazi zifumene ivoti eziphantsi (1)
- 6.5 Ungabacebisa uthini abafundi malunga neZibalo kunye nezeNzululwazi ngokwamathuba emisebenzi? (1)

[5]**AMANQAKU ECANDELO B: 30**

ICANDELO C: UNCWADI**UMBUZO 7: UMBONGO**

Funda lo mbongo ungezantsi, wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

Zixolise

1. Bunjalo obu bomi bumnandi-krakra,
2. Obu bomi bumacala mabini okwexolo lomthi.
3. Bakufik'unkene-nkene bukuqob'amadolo.
4. Bakuvel'u-ethe-ethe bukulalisa ngophothe.
5. Ndiswel'imilom'okuxolisa kwintlung'engaphakathi.
6. Ndiswel'izandla zokukusul'iinyembezi zomphefumlo.
7. Ndiswel'amandl'okukukhombis'umend'onguwo.
8. Ndiswel'isipho sokukwenz'uxol'ulibale.
9. Izinto zalo mhlaba ngubhanga cim'okwerhangasi,
10. lintlung'eziyidalayo phof'ayishiyi zigingqi nazilonda,
11. Kuba kamb'okomhlaba kuyaguga.
12. Kuba kamb'ezalaph'emhlabeni ziyabuna.
13. Izint'ezininz'akakh'amandl'okuzinqanda.
14. Iziphiw'ezininz'akakho amandl'okuzigcina.

Ndlazulwana T.

- 7.1 Safobe sini esivela kumqolo wesi-2 nakowe-9? (2)
- 7.2 Nika amagama amabini abonakaliswa sisafobe osinike ngasentla. (2)
- 7.3 Safobe sini esi siphuhliswa leli binzana "bumnandi-krakra". (2)
- 7.4 Iphuhlisa ntoni imbongi ngobomi xa isithi "bumnandi-krakra"? (2)
- 7.5 Kutheni umbhali ubomi eboyamanisa nale nkcaza ikumqolo wesi-2 ithi "okwexolo lomthi". (2)
- 7.6 Sixhobo sini sohlalutyo esiphuhliswa leli gama "Ndiswel'" elivelayo ukusuka kumqolo wesi-5 ukuya kumqolo wesi-8? (2)

- 7.7 Kumbongo osakhiwo sinje, sibizwa njani:
- 7.7.1 Isibhozo semiqolo ngelinye igama. (1)
- 7.7.2 Isithandathu semiqolo ngelinye igama. (1)
- 7.8 Ungantoni umxholo walo mbongo. (2)
- 7.9 Ufunde ntoni ngalo mbongo? (2)
- 7.10 Luhlobo luni lombongo lo? Xhasa impendulo yakho. (2)
- [20]**

AMANQAKU ECANDELO C: 10
AMANQAKU AGUQULELWE: (20 ÷ 2): 10
AMANQAKU EWONKE: 60

